## YINTONI INZUZO?

Oku kubandakanya ikakhulu ukuphuculwa kokhuseleko lwezonto ziphila elwandle kunye nezinye izinto, ulongamelo lokuloba kunye nemfundiso kunye nophando. Imimandla emitsha ekhuselekileyo iyakukhusela phantse onke amacandelo anxulumene nokusingqongileyo kunxweme kwaye iyakucaphazela indawo ezimbalwa kwezo ziphambili kulotywa kuzo. Kuya kuba lula kunale ntlanganisela yemimandla ikhoyo ngoku, yona inxalenye ethile yayo isetyenziswa njengeelwandle elinye ilelentlanzi. INDawo yoLwandle eKhuselekileyo iyakuba yinxalenye yePaki yeNtabetafile KaZwelonke kwaye njenge Australia' Great Reef Marine Park, iyakuba likhadi elibanga umtsalane kuba khenkethi.

## IYA KONGANYELWA NJANI?

IMPA iyakonganyelwa ngentsebenziswano phakathi kweLwandle kunye nolongamelo loNxweme (MCM) kunye ne (TMNP) apho ulondolozo lwabantu, izityalo nezilwanyana eziphila ndawonye luya kuba yinjongo ephambili, ngoku ngqamene kunye noMthetho waMajelo ezinto eziphilayo eLwandle. Apho ukuloba kuvumelekileyo khona, akusayi kubakho miqathango yongezelelekileyo, ngaphandle kwaleyo icaphazela uMzantsi Afrika wonke. Akusayi kuvunyelwa kuloba kwalo naluphina uhlobo kwimimandla eKhuselekileyo. Oku kubandakanya nokususa naluphina uhlobo lwento yaseLwandle nawo nawuphina umsebenzi onokuthi ukhokelele ekuphazamiseni okanye ukuvunwa kwazo naziphina iintlobo zezinto zaseLwandle.

Indawo eKhuselekileyo yaseLwandle iyakonganyelwa ndawonye kunye neendawo esele zikhona emhlabeni wePaki yeNtabetafile kaZwelonke, nangoku ngqameneyo nesicwangciso sayo solawulo.

## UNGAZINIKA NJANI IZIMVO ZAKHO?

Izimvo ezibhaliweyo, kufuneka zifike ngentsimbi ye 16:00 ngomhla we 18 Meyi 2004, zithunyelwe ku:

Sekela Mphathi Jikelele
Isebe LeMicimbi yokuSingqongileyo kunye nokhenketho
Icandelo: Ulawulo lweeLwandle kunye noNxweme
Ingxowa eyodwa X2
Roggebaai
8012
Okanye uzise Ku:

Umgangatho we – 7
KwiSakhiwo Foretrust
Indlela Martin Hammerschlag
Foreshore
EKapa

# ITHUBA LOKUGQIBELA LOKUBA UNIKE IZIMVO ZAKHO

# Indawo Yolwandle Ekhuselekileyo Yepaki Yentabetafile Kazwelonke

# INDAWO YOLWANDLE EKHUSELEKILEYO YEPAKI YENTABETAFILE KAZWELONKE

## ITHUBA LOKUGQIBELA LOKUBA UNIKE IZIMVO ZAKHO

Umphathiswa wokuSingqongileyo kunye noKhenketho unqwenela ukwazisa/memezela amanzi angqonge usingasiqithi weKapa njenge Ndawo yoLwandle eKhuselekileyo. Oku kuyakuthi kuncede ekulondolozeni oko kungqonge ulwandle, kodwa akusayi kuchaphazela iindawo ekulotywa kuzo iintlanzi. Unethuba lokunika izimvo zakho ngalo mba kude kube ngumhla we-18 Meyi 2004. Yiba yinxalenye ethabatha izigqibo ngekamva loko kungqonge iilwandle zethu ezixabisekileyo.

## KUTHENI LENTO KUFUNEKA KUBEKHO INDAWO YOLWANDLE EKHUSELEKILEYO?

Usingasiqithi weKapa, ngoku kodwa, yindawo yolwandle kunye nonxweme apho uluntu, izityalo nezilwanyana eziphila ndawonye kulo, zithi zichaphazeleke ngendlela engathandekiyo kukuloba, ungcoliseko, uphuhliso lwanga selunxwemeni kunye nokusetyenziselwa ulonwabo. Ukuphucula ulondolozo kunye nokongamela okungqonge ulwandle ngendlela enesiseko esingatshitshiyo, kuphakanyiswa okokuba uthungelwano oluqhekekileyo olukhoyo ngoku, lweendawo zoLwandle ezikhuselekileyo, endaweni yalo kumiselwe indawo enye yoLwandle oluKhusekileyo, elawulwa ngentsebenziswano phakathi kwePaki yeNtabetafile kaZwelonke kunye neQumrhu elongamele iiLwandle noNxweme.

## INGABA KUTHETHIWE NA NABANTU?

Besele kukho uthetha-thethwano olubanzi kunye noluntu kunye nabo banebango kulobo lweentlanzi, kananjalo nenkqubo ende yenzululwazi yokuqonda eyona mida ifanelekileyo yaleNdawo intsha yoLwandle olukhuselekileyo. Ngoku lithuba lakho lokugqibela lokunika izimvo ngesi siphakamiso sicetywa ukumemezelwa.

## YINTONI EPHAKANYISWAYO?

Indawo enye yoLwandle oluKhusekileyo ejikeleza usingasiqithi weKapa, ukusuka e Mouille Point ukuya kutsho eMuizenberg (Baileys Cottage), njengoko kubonisiwe kumfanekiso 1.

Ukuloba kuyavumeleka ngaphandle kwakwi mimandla ethile ekhuselekiyo apho naluphina uhlobo lokuloba lungasayi kuvumeleka. Le mimandla kunga lotywayo kuyo ibandakanya

**KUNXWEME LWE-ATLANTIKI**

- Ummandla Okuselekileyo iKarbonkelberg — esuka e OudeKraal kwincam esemazantsi eSentinel (Hout Bay), xa ubhekisa ngaseLwandle ime kuma 018 (17'.797E
- Ummandla Okuselekileyo iCape of Good Hope — esuka e Scarborough ukuya kutsho eHoek van Bobbejan, xa ubhekisa ngaseLwandle ime kubude 018 (21'.800E (phakathi kweScarborough kunye ne Olifantsbos) kunye ne 18(22'.300E (phakathi kwe Olifantsbos and Hoek van Bobbejaan.

**KUNXWEME LWASE FALSE BAY**

- Ummandla okhuselekileyo iPaulsberg esuka e Venus Pool (Bordjiesrif) ukuya e Smitswinkle Bay Point, xa ubhekisa ngaseLwandle ime kubude 018 (29'.000E
- Ummandla okhuselekileyo Castle Rocks, ukusuka eWhale Rock (Smitswinkle Bay) ukuya eBoat Rock (Millers Point) xa ubhekisa ngaseLwandle ime kubude 018°29'.300E
- Ummandla okhuselekileyo iBoulders ukusuka e A-Frame (Murdock Valley) ukuya Seaforth (Simonstown), xa ubhekisa ngaseLwandle (Emantla)ime kububanzi 34°10'.581S kunye
- noMmandla okhuselekileyo iSt James, phakathi kweKalk Bay kunye ne St James Station, xa ubhekisa ngaseLwandle ime 34°07'.567S; 018°27'.568E
- Ukunyanzeliswa kwemiqathango engqingqwa yokuloba (enjengo mlinganiselo othile weengxowa nomlinganiselo wobukhulu) ngomthetho weNdawo yoLwandle eKhuselekileyo, kananjalo nemiqathango elawula ukuphazanyiswa kobomi bolwandle, ungcoliseko kunye nothutho ngenqanawa njalo-njalo.

*Qaphela: inkcukacha eziphangaleleyo ngemida kunye nee.. MPA ephakanyiswayo zidwelisiwe kwiSaziso esiseMthethweni. Esi saziso singafumaneka kwiSebe leMicimbi yokuSingqongileyo kunye nezoKhenketho okanye kwi intanethi www.environment.gov.za*



Uxwebhu olunenkcukacha eziphangaleleyo luyafumaneka kwii-Ofisi ze Table Mountain National Park e Westlake Square, Inombolo yomnxeba ngu 701-8692